Isalathiso: 20210811-4928
Inombolo yefayili: 3/3/3/1/1
Imibuzo: IZiko leeFoni

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lwaBasebenzi ngoBuchule: 0008/2021

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kumaSekela Balawuli, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwamaZiko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kuBafundi, kwiiNqununu nakubo bonke abasebenzi benkonzo karhulumente

Isihloko: Iibhonasi zentsebenzo zabasebenzi zomjikelo wentsebenzo wango-2020/2021

1. Ngenxa yemingeni kwezezimali zikarhulumente *(fiscal challenges*) echaphazele inkonzo karhulumente neye yaqhutyelwa phambili yimeko embi kabhubhane we-*COVID-19*, ikhabhinethi isivumile isigqibo esithathwe ngaBaphathi aBaphezulu bePhondo kuRhulumente weNtshona Koloni, ngowe 05 Julayi 2021, sokuba **akukho zibhonasi zentsebenzo ziya kuhlawulwa** kubaqeshwa ukwenzela umjikelo wentsebenzo wango-2020/2021.

2. NgokweSigqibo i-*Public Service Coordinating Bargaining Council (PSCBC) Resolution 1 sango-2021*, umqeshi uya kuhlawula kube kanye umvuzo onentlawulo yemali yomhlalaphantsi *(pensionable salary)* eyi-1,5% ubuncinane kubo bonke abaqeshwa abaqeshwe kwinkonzo karhulumente ngowe- 01 Apreli 2021, o.k.t.,

2.1 Abaqeshwa abangakulungelanga ukufumana uchatha onentlawulo yomhlalaphantsi ofunyanwa kuchatha wemivuzo ngokunxulumene nomjikelo wentsebenzo ochaphazelekayo, ohlawulwa kubo ngokunxulumene nazo naziphi na iimvumelwano zebhunga i-*PSCBC* okanye ezamacandelo (*sectoral agreements*) ezilawula uchatha kwimivuzo, kuqukwa nabaqeshwa abakwinotshi ephezulu yamanqanaba emivuzo yabo.

2.2 Uchatha kwimivuzo qho kwiminyaka emibini (*Biennial pay progression*) we-3% uya kusebenza kwabo baqeshwa bakulungeleyo oku ngokweemvumelwano zamacandelo. Nakuba kunjalo, ukuba umqeshwa ukulungele ukufumana u-3% ngo-2022 yaye sele eyifumene i-1,5% ngo-2021, intsalela ka-1,5% iya kuphunyezwa ngo-2022.

3. Uchatha we-1,5% wohlenga-hlengiso lwemivuzo wakanye uya kuhlawulwa ukususela ngowe-01 Julayi 2021.

4. Kucelwa ukuba nazise okuqulethwe yile ngcaciso imfutshane bonke abasebenzi abaphantsi kolawulo lwenu ukuze bakuthathele ingqalelo.

ISAYINWE: NGU-LJ ELY
USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEENKONZO ZEZIKO
UMHLA: 2021-10-07